IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA 3s. NGAMYANGA NT A']

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JULY 15,1885 [No. 3

AMALAHLE ASE NDWE.

ABANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.
Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani.
Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,
Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo njalo.

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.

IZISULU ! IZISULU !

J. no C. BEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsinyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

G. WHITAKER,

Isebe elitengisa nentwana

ezincinane,

Kwivenkile ebisakubu yeka Magiligana (McGREGOR'S)

Utenga zonke intlobo Zoboya, Nezikumba zempahla emfutshane, Neze Nkomo, Nempondo, enika amaxabiso adluliseleyo.

Uhlala enento enenzi yentwana ezinjengo zi-ti, swekile, kofu njalo, njalo

INGUBO, IKELEKO, IPRINTI,

Ipuluwa nezikali,

Ingcawa, Amafelane, Ikeleko Zokulala.

Amacuba entlobo zonke-kwa nayo yonke into enqwenelwa ngabantu abantsundu.

Yonke impahla idla amaxabiso ahlisiweyo.

Umteteleli ematyaleni, nomgqibi wemicimbi yemihlaba neminye efezwa ngamagqweta.

Akabizi mali ininzi ngokuteta amatyala nokufeza imicimbi yabantsundu. Uyakutetelela abamcelayo kwa Qoboqobo nase Xesi.

Apo i.ofisi yake ikona kukwi Maclean Chambers (ngase TownHall), e.Qonce. Makesimlinge mpindini entsundu.

Ololiwe bakwa Rulumeni base Maxoseni.

Inguqulo eku Hambeni ko Loliwe.

UKUSUKELA kumhla we 13th July, 1885, Ululiwe onduluka nge xesha 4'5 p.m., E-MONTI ukuza E-QONCE, uguqulwe ngoku uyakusuka E-MONTI ngo 5'10 p.m. Afike ke emva kwexesha kuzo zonke Izitishi ezi pakati kwe MONTI ne QONCE.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

Kwi Ofisi, Ezinkulu, E-Monti, 7 July, 1885.

J. HILNER.

Umenzi wentsimbi zamaxesha

Nomtengisi wempahla ezinjengemaso njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nezinye ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zingena manzi nezinya ezibululayo, itengwa ku

C. J. DOWELL & CO

BANK STREET, |

ISAZISO.

[INCWADI E COLWE ENDLELENI.]

Tyinira, May 1st, 1885. Sitandwa John—

Undicela ukuba ndiku tumela indaba. Andinazo, ngako mandikuxelele ukuba ngoku sinenye i venkile apa. Inyanga zintatu ivuliwe. Ingubo zitshipu ine- ntwana-ntwana ezisandu' ukufika Uzeke ufike uze ku nditengela enye. Umnini venkile unika amanani alungileyo ngezikumzi noboya nempondo zenkomo.

Ivenkile ingezwa Msesani endleleni ye-nqwelo epuma emcancatweni sing' e-Tsomo Ukuba kuko into esiyifunavo ingeko evenkileni akukataleki nokuba yintonina umnini venkile unako ukuyitumela. Ku?? myalele kupela wokufumanisela. igama lake ngu.

P- H. POTTOR Owako otandekayo IDA.

Paula oku!

JOHN CHARLTON

Umlungisi wemicimbi yonke, Enjengeyomhlaba, nomteto Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi ??? Kama) nakwa Qonce

Lomsebenzi wauqala ngo 1889

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, iminqophiso, nokwananwa kwezi qiniselo zomhlaba yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza

(Utetelela ematyaleni aquke nemali engamatyala.

W.O CARTER

Ncedani ngokupa kakuhle ukuba uhlobo olutsha

OLULUNCILEYO APA LWE SEPA

lubuye lwafika

Isitena yi 6d

Yeyona Sepa intle kulomzi

Itshipu, isitena esikulu sidla 6d. kupela

Inokufunyanwa " KARTAR'

W.O.CARTER maclear E-QONCE

ANDREW GONTSHI
Umteteleli ematyaleni,

I-Ofisi—e-NGQAMAKWE.

KUBABALELANI

U MR.WM. N. SOMNGESI ucela ababaleli bake ukuba bangabi sa zi tumela incwadi zake E-Emxumbu kodwa zi tunyelwe eBoxville, O.F.S.

BATSHATILEYO

AQUBELA-MFUKULA.—Kutshatiswe ngu Rev. E. J. WARNER, wase Mount afar, u Mr. JAMES MAQUBELA, wase Dorought, no Miss JANE 8. MFUKULA, wase Cacadu) lady Frere, G July, 1885.

Iveki

WR. A. W. COLE, Q.C., ubuye wamise-ekubeni yi jaji encedayo kade kube yi 11 July lo.

UMR. PERCY NIGHTINGALE, C.C., R.M., walapa, utunyelvve e CoJesberg ngu Rumente ukuba aye kucedulula umcimbi ka Mr Walmart ongumsila kwi ofisi yalomzi.

kufike isifo esisulelayo esizanayo nengqakaqa iti yi *kolera* esigqiba abantu e Spain

kwabamhlope ngoku. Ezocingo zornhla ziti ka 8,9000 abegula besekufe

Igqweta elingu Van Heerdeen lasa Rafu UMxosa wafa nge Cawa engapaya konyaka omnye; ababantu bebeye kuba.

IDODANA engu Charter, ebibala kwi Banki enkuh' yaee Kapa, isentanjeni ngoku- ba imali zamapepa ze Banki leyo.

ISTORA sika Van Hoesslin e Du Toits Pau kwele Dayimani sitshe nqu ngumlilo. Une- temba loncedo kumabandla atile eliku £2000.

IMIKOSI yamavalanti ebikwela Bahlambeli igoduka ngaminye. Ngaleveki kugoduke eya eDayiman i.

INGQAKAQA iseninzi e Burghersdorp. Inge- ze ngoku ukumagwangqwa. Pakati kwaba- zintombi ezimbini zika Rev. Mr. Mamba.

BAPANGWE ngama Xosa igwangqa elingu Mr Carter iggili eline fama pezu kwe Nciba nga-Komani. Umhlambi webonkwe oka obewalusiwe li Bastile, upangwe nga- doda amane, kwati naxa besekaputunywa kwafunyanwa isiqingata sawo kodwa.

IKENDLE elintsundu e Bayi libete iqaka-elisebenzana nemcimbi yomzi abati ubenesikweleti salo sesheleni ezine

ekungazwanga ukuyirola waselehla, ongumntwana (igqudu) watsho zathi zakuma etanjeni. wanyakaza umfo wanamhla.

imvula ine nge Cawa kulamacala angase lwandle yega- mangaliso. Nangasa Ngqushwa ibiva- veli ibe ngumkumezelo onganya-

ukweleliswe into enku- lu kaloliwe ngase Mtonjeni. kubanjwe umfana ovale ngelitye kwakwindlela ka

opete imikosi e Yepu- ta ute ukusinga e England.

Be VERNER, i Ruluneli yase akupulapnla amadoda kwa AdamKok ukuba elo libandakanywe ne

pepa lase Stellallang kwela Bahlambeli lise entlanganisweni yabo elo labo lidityaniswe ne

ipepa liti akumashumi oma- ne kwintolongo yeso sixeko.

okuba amalahle asand' uku- siwa e Cala, e Batenjini.

U Mr. Saner ucele onke ama- benzisa kuka Mr. King aba- se Ngqamakwe, abenza ukuba ba-yakuunqunyanyiswa kwake emse-nzini akucikidwa komcimbi wake kwe njiwenjalo. U Mr. De Wet urela ute maninzi angabanga

ATU, JULY 15, 1885.

-SUTU.

KUBA simnyama a-ngaliso ukuba sitande entle yclase Lu-engumhlobi we

izakuvela kwelo

ukuwatshintsha onke amatemba

ngabantu ngokubekiselele eku hluzekeni kwentloko zazo naseku lu boneleleni kwazo uhlanga lwa Besutu. Ezinkosi zezipetwe ngu DAVID MASUPHA. Sizazikumbula ezomini babe bambene ngazo Abesutu no Mr. SPRIGG ngemipu: ukuba batinina ukuzitetelela ngobuciko nangomoya opolileyo; beyiseke intetoyabo kwimfanelo zabo zokuba bengabantu be Nkosazana, Siku- mbula ukuba isikalo sabo sasisesokuba babuyiselwe kulaulo lo Mntan' Omhle. Kuba kaloku babefakwe kulaulo Iwase Kapa ngapandle ko kuba bacetyiswe, kwati kunjalo abanikwa imfanelo zokuba banyule amalungu njengemfanelo. Uteke wakubafaka emfazweni lomteto u-ngafanelekileyo wentonga bonke abakanyiselweyo kweli na pesheya bavelana na Besutu. Iqela lika Mr-SPRIGG lakutshwa kwiwonga lobu-tshawe ngokubanga lomfazwe. Eku-peleni bakufumana oko babekufuna-ukuba bakululwe kulaulo Iwase Kapa. Kulindeleke ke ukuba emva koku bazamele ukusinga pambili ekuka- nyeni, bamise imisebenzi yokukanya- Baka bangati Abesutu bafuna ukuba yikoloni yabo bodwa, babe ne Ruluneli yabo, ne Bandla labo le Palamente no Rulumeni wabo nento ezinjalo. Bebuyiselwe ke kwi Nko- sazana akubonakali ukuba babuye basenze isicelo solohlobo. Kubona kala bebuyele kulaulo Iwe nkosi zakudala zetu bantsundu olungenakuma lunxulumene nolaulo Iwa Mangesi. Ukuba Amampondo na Besutu—ukuba ezi zizwe zinga zingema mazizame impato eyakufana nale ya Mangesi esebenza ngokuvisisana nabo bonke abantu. Inkosi za Besutu zikolisile ukuluqonda ulaulo iwase Mlungwini; besib'a zingatj zakuba pantsi ko Mntan' Omhle zihambise ngengqondo nangokwesizwe esikanyiselweyo, ukuze kubeko ikomkulu labantsundu elimileyo pantsi kwe Nkosazana. Le Ngxabatshitshi ikoyo ngoku asiyona nto besiyikangele. Sinosizi ukuyibona kuba siqinisekile ukuba Abesutu basinga engozini. Akuko temba lokuba Abesutu banokuma bodwa ngapandle kokukuselwa yi Nkosazana; ngokoke inkosi nabantu ngebezama ukuba bavisisane nolaulo lwapesheya kblwandle. Kubuhlungu kuti ukuva ukuba u Colonel Clarke akayifumani lambeko imfaneleyo kuba engomele Inkosazana. Mabazi Abesutu ukuba oku akusakuyekelelwa lulaulo lwapesheya. Siyalukalimela uhlanga lwa Besutu ukuba lungahambi ngendlela enengozi ngoluhlobo Singabahlobo balo abakulu.

Amanqaku.

---♦---

ABAHLOBO bake abaninzi bayakavuyiswa ukuva ukuba u-Rev. Dr. W. A. Soga" uya- kubuya e-Sikotilan ngo September lo uzayo. Lo Dr. Soga ngu nyana ornkulu womfi um- fundisi u- Rev. Tiyo Soga. Wafunda e- Lovedale wnti exesheni wasinga e-Edinburgh ukuya kufundela ubufundisi namayeza. Kutiwa akafundanga ngako. Siyatemba ukuba u-Sombawo womgcina ixesha elide kumsebenzi wokuhlambulula i-Africa.

SIDANE kunene ukubona elinye lamapepa ase Rini *i-Eastern Star* lipuma endleleni yalo ukuya konakalisa. Into leyo engazanga yenziwa ngamapepa ngapambili—siteta uku. xoxa umcimbi osazakuba pambi kwe jaji no Rev. John D. Don no Mr. G. A. Hay ngoku-suka batete bangoyiki ngomcimbi wokudu-tyulwa komfo ontsundu e Burghersdorp. Asisakulilandelake elipepa ekuboniseni uku-nganyaniseki kwenteto zalo. Kuyanqwene-leka kodwa ukuba lomcimbi upandwe nzulu sivumelana nelase Kapa i *Argus* eti maku-rolwe imali ngabantu ukuze lomcimbi ucedu-lulwe ngokuzeleyo ungabindleko ko Mr. Don no Mr. Hay. Lamadoda ngokwenjenje alwa imfazwe eyeyetu.

UMPATISWA wemfundo wazisa inguqulo ekumisweni kwentsapo eskuleni kwibakala lezibalo. Mhlaumbi kungalunga ute umhla-mbi wotitshala zase Batenjini wabalela nge- ndawo ofuna zicaciswe kulamabakala, siteta kuba uke awavisisana nababloli kutshanje. Ukuguqulwa kwamabakala ezibalweni kofunyanwa kumhlati we Singesi kuba kubunqaba ukuwaguqu lela esi Xoseni.

INTLANGANISO yo Manyano Ngemfundo iqale kwa Hleke Pantsi kwa Mahlati izolo, kude kwaba lolwanamhla. Abebeko bebebaninzi kanye, abezi zitili zelase Maxoseni bebeko kakuhle. Umhlali-ngapambili onga- pantsi wentlanganiso esesihlalweni, bonke abapatiswa naicitnbi bebekolise ngokubako. Ingxoxo zibe ninzi zidleka. Kwinda. wo ekuvunyelwene ngazo kuko eyokuba Umanyano lutumele uvelwano Iwalo no Rev. J. D. Don no Mr. G. A. Hay kumcitnbi wetyala abangeniswe kulo ngokubuzela indoda emnyama eyadutyulwa e Burghersdorp. Igqibe kanjako kwindawo yokuba kubulelwe Ibandla lase Qonce ebelisebenzana nengqakaqa kwesisitili sase Qonce. Kubeko ingxoxo ngemo yezikolo ngelixesha lelanga ekubonakala ukuba abantwana bayancipa, zisicenge sokucitwa kengoko. Kubulelwe intlanganiso yabafundisi le ibase Qonce ngonyaka ngokusebenzela ukuncipisa ilungelo lokutengiselwa utywala komnyama. Kulilwe ngendawo yomqomboti oyilela yokunyukela ebrandini. Ingxoxo esishiye zingeka-patwa yeyemfundo yonyanzelo neyokubalwa kwebali lakwa Xosa ukulibalela izikolo.

E Palamente.

Kwinto eninzi yengxoxo ezikoyo e Palamente ezingateni kodwa namawetu sitabata ezindawo ezinento nati:—

U MR. JOUBERT (ilungu lase Burghersdorp) unike ngolwesiBini Iwe Cawa edluleyo isaziso sokuba yonke imitandazo eyenziwe kwi Palamente ngamafama na Mangesi use Batenjini ngesituba senyanga ezinta-ndatu ezidlulileyo, kwanamanye amapepa omicimbi yelo abekwe pambi kwebandla; kananjako incwadi eke zako pakati komantyi wase Xalanga (u Mr. Levey) no Rulumeni mayelana nesikalazo sokuba u Mr. Newman Marks wayepitizelisa abantsundu e Gala.

U MR. ROSE-INNES unike isaziso sokubuza ku Mr. De Wet, Umpatiswa Micimbi Yabantsundu, ukuba u Rulumeni selenze ntonina mayelana nokuzalisa ngabantu imokolo ezi 1,500 kudonga Iwekohlo Iwe Tsomo, ezagcinelwa ukuba ngumhlaba wokulima yi Komityi; ukuba akakenzi luto ngawo u Rulumeni, yintonina acinga ukuyenza kuwo, uyakunikelwa ninina kubanina ?

U MR. DYER unike isaziso sokundulula lengxoxo: Ngenxa yalendlala ikoyo—ebanga ubusela nembandezelo—pakati kwabantsundu base Maxoseni, kuyafuneka ukuba u Rulumeni abehle atabate amanyatelo okunceda abantu, nokuvula indawo zokusebenza evulela abo bawufunayo umsebenzi.

ABANTSUNDU BASE TELLE.

U MR. SAUER ute akaboni mfuneko yo- kuba kumiselwe umongameli wabantsundu e Telle Drift (e Gqili) aze abatalwe nge £150 ngonyaka. Bekungalungayo exesheni ukuba indlu ye Mantyi yaee Herschel ifu- duselwe kwindawo esesazulwini kweso sitili. Enye indawo ayicasileyo yeyokuba kumise- lwe amadindala amabini ayakuhlaulwa nge £45 lilinye kuhlutwe izibonda umvuzo wazo, eziwuquba kakuhle njengamadindala lawo umsebenzi wazo.

U MR. DE WET ute lendawo ibekwe pambi kwebandla ngenxa yesicelo esikulu se mantyi yase Herschel, esisicelo sayoke sifanele ukuba sikangelwe.

U MR. AYLIFF ute umongameli uyafuneka e Telle, apo kuko iqela laba Tembu, nangenxa yokuba ikude kakulu ku mantyi ngokuba yahlulwe zintaba kuye.

U MR. SAUER ute imantyi leyo isengumfiki, inokwazana okuncinane ngalondawo, akali ndawo yamali leyo ipambi kwabo, kodwa usati ayifuneki nganto. Imali leyo ivunyelwe.

ABANTSUNDU BASE XONXA.

Ngolwesi-Bini, July 7, kubeko lengxoxo:— U MR. DU PLESSIS ute makuvunyelwa- ne ngendawo yokuba abantsundu base Xonxa (Glen Grey) bafuduswe basiwe kwindawo ezingemiweyo ku Qumbu, nokuba kukuyipina enye indawe efanelekileyo. Ute ukuyixasa lenteto: uyibeka pambi kwebandla kuba ababantu bayinkatazo apo e Xonxa. Beba ubusuku nemini; amafama awakufumani uko-nwaba ngenxa yabo. Ngomnyaka we 1870 waka umcimbi wokufudusa ababantu wanikelwa kumadoda atile. Kwagqitywa oko ukuba umhlaba lowo ucandwe, afuduswe Amaxosa lawo, kume abamhlope. Abantsu-ndu nabamhlope nololiwe bashiyelwa imokolo ezi 89,538. Zaza ezi 248,460 azabi namntu uzisebenzisayo, angatike u Rulumeni enze ukutanda kwake ngazo. Kude kibe namhlanje akakenzi nto ke ngezimokolo. Ucebisake ukuba bafuduselwe apo abamnyama ziti ezindawo bazimiyo ngoku zabelwe abamhlope. Lonto iyakungenisela u Rulumeni into eninzi yemali,

U MR. DE WET ute kuyakunqaba ukuli- hambisa elicebo; kwelokuba bafuduselwe e Qumbu elo se limiwe ngokuzeleyo. Ufumene kwimantyi yase Xonxa nkuba abantu baku 11,500 amadoda avileyo odwa; u Qumbu ke angeze abanela. U Mr. De Wet ungene kwibali lababantu base Xonxa. Ute ngoku badlule ku 50,000 abantu kweso sitili. Akuko mhlaba waneleyo nakuyipina indawo pesheya kwe Nciba abangasiwa kuvo. Apo into ikona isekubeni kuyakulungana ukuba inxenye yababantu bayifudusele pesheya kwe Nciba, ukuba kunjalo bangayisa pina. usati yena kunokwenzeka ukuyifudusa inxe- nye, ize eseleyo ibutelwe ndawonye yenziwe ilali, uti umhlaba oseleyo utengiswe. Ukubanyanzela ukuba bafuduke kungadala ningozi. Ukuba ilungu elibekekileyo liyakuwushiyela ezandleni zika Rulumeni lomcimbi bangawukangela.

U MR. INNES ute mayibekelwe olunye usuku ingxoxo leyo. Kuvunyelwene.

GOING across the ocean is now called seeing the shark.

IF you are determined to live and die a slave to custom, see that it is at least a good one.

INTLANGANISO YAMADODANA.

Intlanganiso emnandi kunene yamadodana esiko lokungaluki yangena apa ngosuku lo 1 July 1885 kusasa ngo 11 o'clock. Yo- nganyelwa ngu Mr. Birt—yavulwa ngokuti ingcwaliswe ngendumiso nangomtandazo, owakokelwa ngumdikoni omdala u Bombo Herman. Kwafundwa ngu Mr. Rubusana ku Magalatiya, isahluko sesihlanu; emva koko kwashunyayelwa ngu Mr. Birt kwakuloncwadi kwi vesi yokuqala neyesitandatu. Wangena shushu kakulu kulondawo esiti ekay' apa yaqala ngabantu ababini lentlanganiso, ndinovuyo ukuba nditi omnye use- ko apa u (Headman Ntabeni). Lento ekay apa injengokozo oluhlwayelweyo lwe Mos. tade, olute lwa kupuma lwazala lento eninzi kangakanana yamadodana esiko nditi "yimani enkululekweni, ate u Krestu wasikulula kuyo."

Kwacelwa ngu Rev. Birt emva koko u Rev. Rubusana, ukuba ake enze izwi, wati kuko indawo ati kuyo u Paulosi "yibani ngamadoda."—Lento iyindoda yinto enento ezininzi, yinto entliziyo ililitye, asinto ibu-yayo apo ingene kona. Iti indoda xa inge-; nayo intliziyo yobudoda kutiwe asiyondoda - nditi kuni namhlanje nina ningenayo kweli siko "yibani ngamadoda."

Kwacelwa ukuba amadoda ake anike iziyalo emakwenkweni amagama awo angala:— Ernest Venna, Jennings Vimbe, Niven Ntengu, Thomas Konzapi, Tisani Bobi, Qubani Behani, no Solomon Govo (wase Mngqesha). Kwesuka u Mr. Matame Xoli, omnye wama dikoni wati "ngoku nizakupulapula amabi namahle, kum ingummana- liso into yokuba utinina umntu ukugcina elisiko engagqobokile, lonto iyimfihlakalo kum. Kuqala guqukani, zonke ezizinto ziyakulunga, loba kapukapu nelisiko. Ningenenje kwelisiko maze ningafani nepela, nempukane zona zinto zifane ziti gxupu kuba kona niyakuya kusebenza e Qonce e Monti nakwezinye indawo-ndawo sova kambe." Wapeta ngokubuyela kwenye inkwe- nkwe u Ernest Venna wati kuyo: uze ungafani nento eninzi eti yakwenjiwanje icinge ukuba kutetwa ukuba maze ingabuyi inqande nto iyimpahla. Ibanki yomXosa yinkomo, uze ugcine impahla zakowenu."

U Mr. Bombo Herman wati "ndisuka selitetwe kade ilizwi lam ebendiza kuliteta. Ukolo kuqala ukuze isiko eli nilibambe; owenjenjalo wahamba kakuhle nelisiko." U Mr. Mahlahla wati "ndisukela ukuba ndi-xelele lenkwenkwe yomkuluwa wam u (Jennings Vimbe) ukuba ize ingandidanisi, kwelisiko ndinonyana basixenxe abasebe- ngene, ize iligcine kwanjengabo." U Mr. Bobi Kwentela wati "nyana warn wena ulapa ungomncinane ekuzalweni, umkuluwe wako utabate isiko lobuhedeni, ke uze umhendele ebulungiseni ngazo zonke into zobukrestu, oku uqale ngale. Akuko bubi bunjengokulitata elisiko uze usuke ubuyele kwelobuhedeni. Ndake lonto ndayibona e Bofolo yenziwe ngumfana owayevela e Dikeni emfundweni. Yagqita ububi kwababesekaya."

U Mr. Utywaku Mehlo wati "Ndisuswa luvuyo (watsho walila) Abakuluwe bam abaliqalayo elisiko abaseko. Ndivuyela okukuba nina bonyana betu nisaligcinile elisiko, ningalandelanga tina sahamba ngela manyange, ndibulela ukuba ninyamezele ihlazo ukuba ngo maqandeka."

U Mr. K. Majombozi wati "Kuni bobawo nditeta kwalamazwi niwateta kuti lentsasa yonke." "Yimani enkululekweni enasalatisa yona, ukuze sakupambuka ningadinwa kusalatisa."

U Mr- Ntengu Magwanya wati, "Ndidanile ukuba abe akako unyana wam apa (Niven Ntengu) unga ngeyeve eziziyalo. Makwedini ndinga ndingabuza into ibe nye kuni, kumaqela onke akoyo elizweni liti elo nelo libe nembongi zalo; kuni ke nditi ngubanina eye-nu imbongi. Ndingena kwakwelamadoda atetileyo ukuba ayiko lembongi ililizwi lika Tixo pakati kwenu ibonga imikosi yake, ingaba niyakuhamba nzima."

U Mr. D. Dwashu wati "Njengokuba nisi- va besiti nje ukuega luki lihlazo, kukwanjalo nokuya kwaluka ubuke wahlala. Ndake ndat i ndigqita e Mxumbu kutshiliswa ndafika kulomzi ndisiva kubongwa amakwenkwe, ndeva kuko zibongo ziti:—Pezulu ! Pezulu ! Pezulu ! Gxotwa yi Vangeli! Zajoka ezi-zibongo ndade ndabuza kobekufupi kum ukuba ziteta ntonina ezizibongo; ndeva ke ngaye ukuba kubongwa inkwenkwe ebaleke esikolweni yazakwalnka. Lumkami ke ningabi ngo Gxotwa yi Vangeli izibongo zenu yavalwa ngomtandazo nangendumiso ngo 12 30 kwatatwa izixaso ngo 1'30. Ekwati emva koko ngo 4'30, kwangenwa ezixoweni. Satatwa isihlalo ngu Mr. Peter Tyamzashe. Pakati kwendawo ezinkulu ezaxoxwayo, yangenisa i Committee indawo yokuba " Intlanganiso le mayilinge iqinga lokuhlanganisa imali ize ngalomali, mhlaumbi iyise e bankini ukuze ifundise umfana ngayo, mhlaumbi itumele umshumayeli nga-yo kumaqaba." Kwati emva kokuxoxwa okushushu kwawo lomcimbi ngo Messrs. W. B. Rubasana, P. Mcelu, A. H. Maci, I. Tshwete, N. Magwanya, namanye amanene kwavunyelwana ukuba makuqalwe kwalo- mhla kuhlanganiswe intwana; kwaqalwa ngu Mcelu wakupa imazi yegusha zalandela ke imalana nezinye impahla ezihambayo— ekwati ekupeleni kwafumaneka nkuba imali epumileyo ngobobusuku bodwa ziponti ezi. mbini nesibozo sesheleni (£1 8/) ngapandle kwempahla ezihambayo, zati zona zalishumi elinanye.

Omnye umcimbi owangeniswayo ngowokuba kubeko amalungu abekekileyo (honorary members); kwagqitywa ekubeni kunyulwe o Messrs. L. Ginza, Headman Ntabeni, Ntengu Magwanya, Klaas Majombozi, no Edward Payi, babe ngamalungu abekeKileyo. Kwaxoxwa neminye imicimbi—yava-lwa kusasa ngelandelayo imini ngomtandazo ngu Rev. Rubusana. —A. H. M.—Peelton, 10th July 1885.

Isipo.

Sibulela kunene isipo se £1 esisifumene ku Rev. R. Lamplough wase Mkangiso sokuncedisa kumsebenzi omkulu wokuqu- ba elipepa. Sisipo sokuqala soluhlobo esisifumeneyo, oko sati salimisa elipepa sizama ngalo ukubeka pambili komzi omhlope Imvo Zabantsundu.

Ezababaleli. •

IMPATO YAKWA "NDLOVUKAZI"

Ukwanelisa inteto yomzalwana u Mr. T. A. Motaung engempato yakwa Ndlovukazi lombali unelishwa naye akayilibali impato awaqubisana nayo kuwo lomzi. Kwati ngo 5th January 1885 ndivela e Batenjini ndafika umlambo uzele. Kute kuba, kwasekuhlwile, imvula isiza nehashe libudinwa, kum akwabonakala uku- ba mandihle ndiye kuwela ebrorweni nokuba ndiye kwa-Komani apo kwakuko abantu endibaziyo. Ndite ndisakohliwe kwafika umhlobo wakwa Komani, yena wandixelela ukuba njengokuba ihashe lidiniwe nemvula isiza masendisiya ku- lalisa e Lesseyton. Ndite kuba kakade beke ndive ngempato yalomzi ngapambili andavuma. Koko ede wandoyisa wandoyisa wandiyala kodwa ukuba ndinga- tsho nokuti ndingowase Kamaston e uku- ba andifuni kulala nezinja ekitshini. Ndimxelele ukuba ikitshi andilicase nganto ukuba alineti. Sahlukene apo ndite ndingekayi kufika imvula yandi-fumana—ndafika sendimanzi. NdifiKe ndacela indawo kwintokazi endafika isoja ilostile-kuku. Ite ukupendula iyoyi- ka umninimzi akako. Ndegqita ndaya kwenye indlu, ndafika indoda imi emnyango, ndabulisa, yavuma, ndakau-; leza ngokucela indawo, kuba kaloku imvula yayingayekanga. Lomfo akayi-pendula lento ndiyicelayo, ubuze apo ndivela kona nalapo ndiya kona; nda- mxelela. Uvakele esiti —"eyona nto uzekufuna yona apa yintoni?" Mna, hai, nkosi, andizanga kufuna nto, kupela ndize kucela indawo kuba ndizalelwe ngumlambo nemvula isina! "Andiyazi into ofuna yona apa, indlela yako ayihambi apa." Watsho lomfo, mna ewe, indlela yam ayihambi apa, ndijikwa yimvula nomlambo uzele. Akabuyange apendule, ndime-ndema mlesi ndikohli-we, ekupeleni ndite sendincamile ndite gaxa kwindlu yom-Samariya otile, owaba nentsikambilini ngesi alam esindim esasingenabani. Ke ndiyakuvumela Mr. Motaung, xa uti akugxotwe ngenxa ye ngqakaqa. Into ekukafuti ndiyibona endingazi ukuba kukukululeka liratshi ntoni nto zizonke, abantu basesikolweni abadli ngakwamnkela mntu bengamazi. Sinosizike ngalondawo.

8.

USAPO LWASE MBO.

St. Marks 24 June 1885.

Izikolo eziviwa ngu Rev. Canon H. R. Woodrooffe, M.A., Deputy Inspector, zikutshwe ngokutumela usapo esikolweni imihla ngemihla, sisika Captain Veldman Bikitsha, i Zazulwana; sesika Mr. John, i Gcuwa; i Tsomo Post, esinkosi ndingayaziyo; sesika Booy Malgas, i Caba. Ezike incwadi zamagama osapo azibanga ngamaronorono ngumsizi oti u Nantsi umntana ka Sonantsi Nonantsi, nanamhlanje akayawako esikuleni. Nibonanje mawetu, lencwadi ilinandipa leronorono ngumsizi, obalwe ezincwadini, zikwanjaloke intliziyo zabazali, kuba nakubu kubalwa encwadini kubalwa entliziyweni yomzali womntana. Incwadi le sisipili sokuzibona kwalowo nalowo umzali. Okubalwe encwadini yamagama ingomtandi injalo imo yomzali ngemfundo.

Ezemitungo zikutshwe sesika Miss Ntwasa, kwa Cofimvaba ngokutunga. Ezike zizikolo zosapo Iwase Mbo zonke. Kubambeni kuti nqi oko, oyihlo nonyo-ko badla udaka namahlamvu benizisa kulomatamsanqa nikuwo nina bengawafumananga bona. Lusapondini Iwase Mbo, wenzeni umkanya ube yikobolonde kunkalo obutshonela ngayo ubulumnko. Uninzi luyincinele ingqondo yalo njengokungati kuzakuti zibilili ibika 'lobukosi bemveli, bukupise obu, ngokutshikilela ukukanya ngenxa yebika elite zibatise amehlo engqondo yecala okuyiwa kulo kungoku.

Zintshaba zakowetu apo ubukolwa bungumlomo nengubo zase mlungwini kupela, ubuginwa busenobukosi ngamandla, incwadi zamagama osapo zingamaronorono ngumsizi womntana ongekoyo esikuleni, kufunwa ukuba baye kuqutywa yitiitshala ukuya kuso. Kuba ukuba njalo nokolo lolusaqutywayo ukuya ebulungiseni balo ngomnye umntu. Nango umrweqe lusapo Iwase Mbo: Ezra, ix.—8-9. Hlala kentle Mr. *J.* Moss. Ku- yasetyenzwa ngoku. Makufe umntu ngako ngoku.

Ndingu
NKOHLA FALATI.

ISINANDILE EDABINI LENDUKU.

Ababalelani emapepeni balemihla babonakala njengokungati bacinga ukuti obona buciko bugqitileyo, nezona nteto zifanele ingxoxo zezo zitetwa e Baibileni. Ndibona ndibonde emapepeni ababalela- in indawo ezimana ukuti u "Mosisi wa yete"; "yenza kubamelwane bako nje- ngokuba &c." lamazwi angaka afane tyenziswe engatuneki nganto mhlaumbi eko nawangawambi amazwi angati kute kwafakwa wona esikundleni sala kufaneleke. Umntu oyenzayo lento, ofana abadule ngokufaka lamazwi ezingxoxweni ' zake ezingento xa zidityaniswa nawo. utana nalo uti akubona amanye amadoda epetele iminqayi nemizane, asuke amnkenye ngumbilini, nanko ebalekela eqongeni lendlu yake, alike, atate isigodlo sake asibeleke, atate isinandile sake asipate ayekungena ngaso ezindukwini. Kanye ke unjalo lomfo, uti kwakuti gwaqa nokendle yvake nge Classics, mhlaumbi nomfundisi wake ngemfundo, nanko efatula eyakutabata Izibalo, ahlanganise ngazo, alibale ukuba into yonke iyalinganiselwa, iti elungileyo ipatwe ngobulungisa, ze iti engcwele ipatwe ngcwele. Ababantu bakwenzayo oku mna andi-tsho nokuti benziwa yi "vanity" kupela benziwa nalipapu. Ke ngoko mnumzetu wake "ubale ishumi" utobe igazi " pambi kokuba upendule ukendle wako • sasiyakuti esisingcolo sokungenisa i Baibile apo ingafunekiyo.—Nditshonele.

Mna
NDZABA RAUZA MWELASE.

ILIZWI E DAYIMANI.

Kimberley, 16 June 1885

NkOSI YAM EBEKEKILEYO,—Mhleli we- pepa lamakowetu, ndive nditanda uku- nga ndingaba nazwana ndingaposa lona entetweni yomzalwana wam u Ngqungqumbana. Ngqungqumbana *uliciko"* Inteto yako lyabukeka ezindleben; imbi entliziyweni yamadoda atile.

kubi ukufihla mfondini upete ukubusa nokutakata, ngokuba nguwe owenze u

abe ngupokopalala, wena
nisuke namtiya, kanti lento iside-
nge sityelwa kowaso; ngokuba wena
umhlukumeze wapumelelaa ngo Mr. Tyaniza-
wakubona esimata, wawufunake
wadla ubona isimatana ngakuba sita-
tamba elide emfundweni.
naknba nide nazila nendln ka
ngenxa yokutiya umfundisi wayo
ngokaka-kampetu. nangomhlolela
ngumfo wakowenu u Tyamza-
ezweni. Nanifuna imbeko ngaye.
uti akuba ekwelela, wena Ngqu-
ngqumbana umbeke amabala esinqeni;
kwa wetu. Dauyitabate kaloku
Maninzi amalunga afana nawe
ngqungqumbana, akukova ukona aqale
into eyoti ilulomalalise uluntu,
nguwe umpembi nkohlakalo, ngo-
buninzi babantu abakubonanga
wafuna isitya esikulu ngomza-
la wake u Tyamzashe. Ngena usele
ingalunga ipakwa nguwe, ngo-
ku u Tyamzashe enyabile, usasele
umntu undwebe kuqala. Myeke
uTyamzashe uye kwezinye iziyata.
kwatshangana apo wena silumko
kuya. iyaxoka nokuti uko-
kumtandazela. ewe, ngokuxa-
ka kodwa ungaba uya-
kamnandi, woba ntsuku

ndipantse ukuhabela, camagu
yomfo ka Jabavu, asindim
lulibele.

Ndim owako

MALIBENJE.

IMPATO E GQILI.

Bensonvale, 27th May, 1885.

NKOSI YAM EBEKEKILEYO.—Ndivaku-Mhleli we imvo *Zabantsundu* kaundi-gqitisele ezindatyana. Ndibona into embi kakulu apa. Ndite nqa kakulu ukubona ncwadi iteugwa apa. Tina siyayibatal-isi xa sihambayo. Uti ukuba akunazi-meleni ezimbini (2s.) ungabi nakuhamba uba akunakuboleka pi. Ndingati kuseloko watiwa ipasi ipelile kumntu wase Koloni ngala lomini ukuyitenga ipasi. Imi-le. besingazitengi konke oku. Ma-singene ndinqinele umfo oti uRulumeni weKapa woyisiwe kukubusa abantsundu. unyanisile ukuti woyisiwe xa nditshoyo itsho kuba kuseloko salamnkelayo elipe-pa ukuba imfakadolo idubula ontsu-ndul. asiva ukuba ontsundu udubule igwa-ngqa, kufa ontsundu yedwa kungavakali isizatu kungavakali nakuteta kwake. Lo Rulumeni wenu ngummangaliso omkulu,

apa ke abantu bakowetu, unyanisile oti Izimfene ezimilenze mibini: sizizo.

Z. S. L.

Umtinjana Nomlisela e Gcuwa.

Intlanganiso ebeyaziswe ukuba yobase Gcuwa ibekoke nge 30 ka .June 1885. ingene ngo 7. Emveni kokuba umsebe-uqaliwe ngomtaudazo, u Mr. Galela ushukumise ingxoxo ngokufakelelwa kwegama lentlanganiso. Kwaza eku-beni kwabonakala ukuba mnye owalayo basixenxe abavumayo. ngenxa yokungxamela ukungena kwa kwamagesi (singekawafuni ngokweloxesha)

ukuba akunakunyulwa
ekubeni engonile ndiqo-
ndile ukuba bangainashuini rnabini ane-
toba Kwabanokutatelwa ingqalelo ngo
Rev W. J- Hacker, no Mrs. Hacker, Rev.
R. F. Underwood, Mr. S. J. Hanley,
no Mr. George Underwood. Uqaliwe
umsebenzi ngo 7:30; kubizwe u Mr. R. L. Zani ukuba aleseshe. Umfo ka Zani ndite ndakumkangelandabona uku-ba incwadi ufan ayiti rwaqu nje ati nyatetanje selekangele ebantwini. Emva koko kucule iqela lika Mr. G. Pamla, ekubeni engabangako u Mr. P. Alweli nesifundo sake sentloko, kubizwe iqela lika Mr. B. Lwana ukuba licule. Emva koko kubizwe u Mr. ,P. P. Xabanisa ukuba aleseshe. Emva koko kubizwe u Mr Joe J. Madubela ukuba afunde ngentloko, ote wafunda lendawo " Te-mbela ku Tixo wenze okulungileyo." Emva koko kucule iqela lika Mr. Jas. J. Madubela. Emva koko kuleseshe u Mr. S. D. Maqina; emva koko kucule iqela lika Mr. B. Lwana; emva koko u Mr. P. C. Zibi ulese ipepa abelibale nge "St. Marks." Umfo onteto zite ngamanye amaxesha zamanan' ukuhlekisa namagwa-ugqa. Emva koko kucule iqela lika Mr. Jas. J. Madubela; emva koko kuleseshe u Mr. M. N. Galela; emva koko kucule iqela lika Mr. G. Pamla. Emva koko kufunde u Mr. S. D. Maqina ngentloko nge " Sitandwa somntu otile." Nto ibe mnandi kukuti akugqiba ivesi ezintatu suka seva selicula iqela lika Mr. Jas. J. Madubela. Site sisate nqumama, kanti umfo ka Maqina akakagqibi, ute esiti gelekeqe, seva iqela lomfo ka Madubela selisenza into endala. Emva koku kucu-le iqela lika Mr. B. Lwana ; emva koku kucule u Mr. J. Mazamisa ; emva koko kufunde u Mr. M. Sinyahla ngentloko; emva koku kucule iqela lika Mr. G. Pamla, nelika Mr. B. Lwana. Kwagqi-bela ukuvuma u Mr. J. Mazamisa. Emva koko kwanyulwa amalungu amatsha, ango, Messrs. E. Mamba, R. Ndungane, W. F. Bassi, J. Xakekile, C. Veldman, J. Pamla, I. Manyisana, Misses J. Ma-mpunye'! Martha Mazamisa, Ellen Maza-misa, Sarah A. Tshitsha. Emva komse-benzi kuvunywe iculo le Nkosazana, ezi-nye indawana azifikelelwanga ngenxa yokupela kwexesha. Emva kokunyu-Iwa kwamalungu e Komiti, Umgcini-si-blalo no Rev. W. J. Hacker, bapose ama-zwana okuyala.

Ezayo yoba yingxoxo ngokuba " imfu-ndo yabantsundu ngezimini inoncedona nokuba ayinalo." U Mr. M. N. Galela ute inalo. U Mr. IV. F. Bassi ute ayinalo. Kobalwa ipepa ngu Mr. W. Daniel; ze kufunde ngentloko u Mr. J. Pamla alese nokulesa ; ze no Mr. E. Mamba naye ale-se. Ngenxa yokucelwa komculo ngama Ngesi seloti u Mr. G. Pamla no Mr. C. Veldman balungiselele amaqela; ze u Mr. W. F. Bassi no Mr. J. Mbasa bavume bodwa.

E Mampondweni.

[IVELA KUMBALELI WETU]

6 July, 1885.

Udaba lolu apa okwangoku. Umqikela ubetumele ku Nqwiliso ukuba makeze ku misa oyena uyinkosi kokoke u Nqwiliso walile andazi nokuba wode oyisekena ukuya kodwa okwangoku walile kanye uti akaso-kuya yena ubulawa lidolo.

Eza Pesheya Kwe Nciba.

[IVELA KUBALELI WETU.]

30th June 1885.

U Thomas um-Xosa obanjwe emzini ka Theodore Ndwandwa, ngulomntu uqekeze ivenkile ka Mr. W. Redding wase Gcuwa, ute noko ngamaqinga ake wabaleka zabanjwa impahla.

Umfundisi wase Gcuwa u Rev. T. E. Marsh ubale ese Cape Town incwadi eti ungena nge 17 June ukuya e England.

U Rev. W. J. Hacker ubetshatisa e Qina umntu nomfazi wake nge Cawa ye 5th July emva kwentshumayelo. Kwatl xa atshatisayo kwalila umyeni, endaweni yokuba kulile umtshakazi.

Intokazi engu Jesse eti ingu Maradebe u Miss Matomela, itshatshele ngokulwa nezi. nye intokazi e Bika. Ide yenzakalisa nomfana ongu Seti esandleni ngokumbeta eyilamla isilwa.

Mna ndiyavumelana nawe Mhleli, imali mayirolwe ngoku yexesha eligqitileyo. Inda-ba ze *Mvo* zimnandi ngoku kakulu.

July 7th. Imvuselelo ziko kwezi Cawa zi. gqitileyo. E Zazulwana zaqala mhla kwa-shumayela u Revd. Chas. Pamla ngentshu-mayelo yake yokubulisa ukuba emnka esiya e Qonce nge 30th May. Imvuselelo iko e Ntshatshongo, iqutywa ngu Sarah Ann no Jesse intombazana zalapa. Imvuselelo iko e Gcuwa, yaqaleka mhla kwashumayela u Captain Feldtman.

Siva ukuba imvuselelo iko kakulu e Qonce iqalwe ngu Revd. Chas. Pamla kwange- ntshumayelo zake zokuqala efikile. Londoda ka Tixo yanga ingasikeleleka. Nakwa Nguza imvuselelo iqalile ngokushumayela konyona wake.

